URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Redewan Larney
ICandelo eliyiNtloko leZithili
Redewan.Larney@westerncape.gov.za | 021 467 2337

Inombolo yefayili.: 28/3/9
Isalathiso: 20220906-6313

ISetyhula: 0030/2022
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2022

Iya: KuBalawuli (kwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNqununu zezikolo eziziprayimari neziziisekondari.

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuhamba isikolo kwabafundi bamaBakala 4 ukuya ku-11 ngethuba nasemva kwethuba leemviwo novavanyo oluqhubekela esikolweni zangoNovemba 2022*

Isihloko: Ukuhamba isikolo kwabafundi bamaBakala 4 ukuya ku-11 ngethuba nasemva kwethuba leemviwo novavanyo oluqhubekela esikolweni zangoNovemba 2022

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lizibophelele ekuqinisekiseni ukusetyenziswa ngokukhulu kwexesha lokufundisa nokufunda. Njengoko licuthekile ixesha elikhoyo kuwo onke amabakala, injongo yokufundisa ephambili ihleli ikukubonisa abafundi amathuba amaninzi okufunda kangangoko, kwinqanaba lebakala abakulo, ukuqinisekisa ukuba abafundi balilungele kakuhle ibakala elilandelayo.

2. Izikolo ziyakhunjuzwa ukuba usuku lwesikolo lokugqibela kubafundi ngowe-14 Disemba yaye kootitshala lube ngowe-15 Disemba 2022.

3. Kucelwa zonke izikolo nabasebenzi abakwii-ofisi zezithili ukuba bakuthathele ingqalelo oku kulandelayo:

3.1 Luxanduva lwesikolo ngasinye ukwenza isicwangciso seprogram yesikolo ngethuba leemvavanyo zokugqibela nasemva kwazo kude kube lusuku lokugqibela lwekota yesikolo. Kucetyiswa ukuba izikolo zizikhuphe **zonke** iiripoti zabafundi ngowe-**14 Disemba 2022.**

3.2 Abafundi abanako ukukhululwa phambi kwentsimbi ye-13:00 ngethuba nasemva kwethuba lovavanyo. Kubalulekile ukuba abazali baziswe kwangaphambili ngala maxesha ukuze bakwazi ukwenza amanye amalungiselelo.

3.3 Bonke ootitshala balindeleke ukuba babe sesikolweni usuku lonke lwesikolo (iiyure ezingama-35 ngeveki) ngethuba lovavanyo, kungakhathaliseki nokuba benza imisebenzi yokugada abaviwa okanye akunjalo.

3.4 Izikolo ezifundisa amaBakala 10 no-11 azinaka ukuqala uvavanyo lwazo lokugqibela phambi kowe-**14 Novemba 2022 okanye zilugqibe phambi kowe-06 Disemba 2022.** Nakuba kunjalo, izikolo kuqukwa nezo zisetyenziswa njengamaziko okumakishela amaphepha eemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, zingenza isicelo semvume yokuqala iimviwo zeprakthikhali zezifundo ezithile phambi kwexesha elibekelwe ukuqala, kumlawuli wesithili.

3.5 Izikolo ezifundisa amaBakala 7 ukuya ku-9 azinako ukuqala uvavanyo lwazo oluqhubekela esikolweni phambi kowe-**16 Novemba 2022 okanye zilugqibe phambi kowe-06 Disemba 2022**.

3.6 Izikolo ezifundisa amaBakala 4 ukuya ku-6 azinako ukuqala uvavanyo oluqhubekela esikolweni phambi kowe-**23 Novemba 2022 okanye zilugqibe phambi kowe-06 Disemba 2022**.

3.7 Kufuneka bonke abafundi bahambe isikolo ngalo lonke ithuba lovavanyo oluqhubekela esikolweni, ngaphandle kwabafundi beBakala 12 abaya kuba nelungelo leentsuku ezintlanu bengezi esikolweni ngeenjongo zokuba bafunde phambi kokuba baqale iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

3.8 Izikolo maziqinisekise ukuba abafundi baya esikolweni yaye bagcinwa ngezifundo emva kowe-02 Disemba 2022. Ngosuku lokugqibela lwekota yesikolo, abafundi mababesesikolweni iiyure ezintathu ubuncinane nootitshala balindeleke ukuba babesesikolweni iiyure ezintlanu ubuncinane.

4. Ziyakhunjuzwa iinqununu ukuba mazingenise iithayimtheyibhili zoviwo zazo kumphathi wesekethe kwiiveki ezintathu ubuncinane phambi kokuba kuqalwe uvavanyo oluqhubekela esikolweni. Amagosa ezithili aya kubeka esweni ukuphunyezwa kwale miyalelo.

5. Kucelwa iinqununu namabhunga olawulo ukuba akuthathele ingqalelo eyodwa ukwenziwa kweeprogram zabo ngethuba leemvavanyo zokugqibela, ukwenzela ukuba kungaphulukwana nexesha lokufundisa nokufunda elixabisekileyo.

ISAYINWE: NGU-A LEWIS
INTLOKO EBAMBELEYO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-09-14